



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2016

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO – P1**

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure



Olu viwo lunamaphepha ali-12.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:
ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)
ICANDELO B: Isishwankathelo (10)
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (40)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Bhala Icandelo ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.
4. Krwela umgca ekupheleni kweCandelo ngaliNYE.
5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.
7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:
ICANDELO A: 50 imizuzu
ICANDELO B: 30 imizuzu
ICANDELO C: 40 imizuzu
9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****ISICATSHULWA A**

1.1 Fundisisa esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

IGORHAKAZI

- 1 Phesheya kumazwe amaninzi lonke ulutsha lunyanzelekile ukuba lwakufika kwiminyaka elishumi elinesibhozo ubudala luye kungenela uqeqesho emkhosini wokhuselo. Oko ke kuthetha ukuba akukhethwe mfana nantombi bonke kufuneka baye kungenelela uqeqesho. Loo nto ke yenziwa kumazwe amancinane afana neliya lakwaSirayeli. Kaloku amadoda ewodwa ambalwa kakhulu angenza umkhosi omncinane kakhulu. Le meko izitsho neentombi ezi zakhona zomelela. Zifundiswa zonke iintlobo zokulwa, ukuze zibe nokungena nakuyiphina indawo. Zifunda ukulwa nokudubula ngezandla, ukudubula ngeenkanunu, nangemipu engoomatshini, nokubhabha emoyeni zisebenze nasezinganaweni. Akukho dlakadlakana lenxila lomfana elingalinga ukugezela iintombi zakwaSirayeli.
- 2 Xa bekunokwenzeka ngokweyam intando nalapha kweli loMzantsi Afrika uqeqesho ngelunyanzeliswa khona ukuze kuphele obu bundlobongela koomahlalela abathi bakuhlutha butywala bagezele iintsana zethu. Kweliya laseMelika apho abantu baninzi ngokungathi ziintubi **uqeqesho** alunyanzeliswa. Umntu uyazithandela ukuya emkhosini, lowo ke uthe wathanda ufumana uqeqesho olupheleleyo. Ndikhe ndabaliselwa ngomnye umfo ngesibindi somfazi kaSandi ogama linguNomntu. Kwakukho nenye intokazi eyayingumhlobokazi kaNomntu egama lalinguSindiswa. Ngale mini babeza kutsiba kwintakamoya beza kuhla ngento ekuthiwa yiphalashuti umgama oziinyawo ezingama-3000 ukuya emhlabeni. Inyukile intakamoya yathi yakuba iphezulu ngokwaneleyo lwavulwa ucango olusecaleni. Intakamoya le yakha yabhabha ijikeleza le ndawo babezakutsibela kuyo. Ukuzama ukudungudelisa uvalo nexhala uNomntu uthe kuSindiswa, “Ukuba kunokwenzeka nantoni na kum uyakumthabatha uToki,inja yam.” Akaphendulanga uSindiswa usuke wathandaza ukuba kungabikho nto imbi yenzekayo.
- 3 Zide zaphuncuka phaya elucangweni iintsontela, waza ke wagibiseleka okwelitye ukubheka ezantsi. Uzamile yena ngalo lonke elo thuba ukusombulula intsontelo leyo imthandeleyo. “Nomntu! Nomntu!” ukhwaze watsho uSindiswa akubona okuhlayo. Ukhawulezile ukuwa oku uNomntu esihla ngesantya esi-125 eemayile ngeyure. Eso ke sisantya ohla ngaso umzimba owayo. Ubesakhulula eyakhe iphalashuti phantsi uSandi weva omnye umfo esithi “Ukho lowo uhlayo ekwengathethekiyo yona ingxaki.” Ujikile uSandi wajonga phezulu waqonda ukuba ngumkakhe lo uwayo. Wabanda wangumkhenkce xa ebona inkosikazi yakhe isiya kunkaleka phantsi, itaka okwebhola. Wabaleka waya kufika, ufike sekukho abantu abaninzi abamngqongileyo.

“Ndipheni indlela ndigqithe yinkosikazi yam le”. Uphawule kwa-oko uSandi ukuba zimshiyile uNomntu iingqondo. Kungekudala ifikile inqwelo yezigulana yambalekisa esibhedlele, kwafumaniseka ukuba akukho thambo lingavikiyekanga, wayenzakele imiphunga, kukho neengozi zentloko.

- 4 Ugqirha uxelele uSandi ukuba imeko kaNomntu imbi kangangokuba angaphila nje kuphela ngamabona ndenzile. Bathi oogqirha bakuliva ibali lokwenzakala kukaNomntu yangummamgaliso into yokuba usengophefumlayo. Uthe ngoku ugqirha akukho nto anokuyenza ngaphandle nje kokuba kusuke kulindwe ngethemba lokuba uNomntu uya kukulwa ukufa. Zaqengqeleka iiveki uSandi equqa esibhedlele ngamanye amaxesha wayede avunyelwe ukuba angalala apho. Ngolunye usuku unina kaNomntu ufike nesipha seencwadi zovelwano ezivela kwizihlobo nezizalwana, “Ndingwenela ukuba mawazi ukuba kwiimbombo zone zehlabathi isimbonono semithandazo sitsho sitshilo sibongozela ukuphila kwakho.
- 5 UNomntu wayenenja awayeyithanda kakhulu egama linguToki. Ngenye imini uSandi uthe, “Nomntu uToki uyakukhumbula phaya ekhaya usuke akonwaba konke.” Wabonakala ukuba uyeve uNomntu, uyafuna ukuthi, “Nam ndiyakuthanda,” koko ingqondo ayikakwazi ukudibanisa amagama. Emveni kweveki ezisixhenxe uNomntu wayebukele inesi eyayiqoqosha kwigumbi awayelele kulo, uSandi yena wayemi ngasefestileni ejonge phandle. Beve ngoNomntu ekhwaza esithi “Owu!” bothuka, unesi wabaleka wabiza ugqirha kwangoko wajika uSandi ejonge kumkakhe ebuza “Ubuthetha”? Kwa-oko uNomntu ujonge kugqirha ngoncumo olukhulu wathi “Heke xhwele lam!” Wothuka wee nkamalala ugqirha ekhohliwe ukuba angathini na. Iinyembezi zovuyo zehla kuSandi watsiba wamanga unkosikazi wakhe. Wayesele egqibe iintsuku ezingama-51 eshiywe ziingqondo. Uthe ke ugqirha, “ngoku ke umzamo ngowakho kufuneka uzame ukuba mawuphile.” Into yokuphila nokungaphili isentliziweni nasengqondweni yomntu.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi, *Amabali amafutshane*; JD Zeka, Iphepha 8–10 saze sahlelwa]

Jonga kumhlathi 1

- 1.1.1 Yintoni le yenziwa kulutsha lwaphesheya? (1)
- 1.1.2 Sinika ntsingiselo ni esi sihloko. Khetha kwezi mpendulo zilandelayo
- A Inene.
B Inesi.
C Ikhalipha.
D Ikhazi. (1)

- 1.1.3 Lunikwa lungelo lini ulutsha olu kwelixabiso le minyaka apha eMzantsi Afrika? (1)
- 1.1.4 Khetha igama libe linye elibonakalisa esi senzo asenzeki apha eMzantsi Afrika. (1)
- 1.1.5 Nika iindidi zibe mbini zezakhono ezifumaneka kuqeqesho lomkhosi? (2)
- 1.1.6 Umbhali uzama ukusizobela mfanekiso mni ngolutsha olungamantombazana xa esithi 'Akukho dlakadlaka lenxila elingalinga iintombi zakwaSirayeli.' (2)

Jonga kumhlathi 2

- 1.1.7 Chaza unobangela wobundlobongela eMzantsi Afrika. (2)
- 1.1.8 Ingaba le uyichaze apha kumbuzo 1.1.7 yamkelekile kumgaqo siseko walapha eMzantsi Afrika, xoxa banzi kwimpendulo yakho.? (3)
- 1.1.9 Sebenzisa esi sibizo 'Uqeqesho' sibe sisibizo esibhekisele emntwini, wandule ukusifaka kwisivakalisi sinike intsingiselo eyiyo. (2)

Jonga kumhlathi 3

- 1.1.10 Safobe sini esi **wagibiseleka okwelitye ukubheka ezantsi.** Nika nentsingiselo yaso njengoko sisetyenzisiwe kwisivakalisi. (2)
- 1.1.11 Myalezo mni ogqithiswa sisantya esichazwe ngumbhali athe wawa ngaso uNomntu? (2)

Jonga kumhlathi 4


- 1.1.12 Caphula isivakalisi esibonakalisa ukuba ugqirha akanalo iyeza lokunyanga uNomntu. (1)
- 1.1.13 Luthini uluvo lwakho malunga noogqirha ngakumbi xa usiva ingxelo yabo yeziphumo zovavanyo. (1)

Jonga kumhlathi 5.

- 1.1.14 Zithathe wena njengogqirha obunyanga uNomntu ubunokuthini xa usiva lamazwi "Heke xhwele lam"? (1)
- 1.1.15 Dibanisa inkolo kamama kaNomntu nendima edlawe nguSandi ukhuphe isivakalisi esinentsingiselo ethwelwe sisihloko sesticatshulwa. (2)

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2 Jonga lo mfanekiso uphendule imibuzo elandelayo.



[Lo mfanekiso Uthathwe kwi-intanethi]

- 1.2.1 Lo mfanekiso ubonisa eyiphi indawo? (1)
- 1.2.2 Yeyiphi eyona nombolo unokuyitsalela xa usengxakini ube useNtshona koloni. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.2.3 Ewe / Hayi. Eli nenekazi lisemfanekisweni ngunkosikazi walo tata? Xhasa impendulo yakho. (1)
- 1.2.4 Udlulisa myalezo mni umbhali ngesingxobo esijinga entla kwebhedi? (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicutshulwa silandelayo, wandule usishwankathele unike iindlela zokushukumisa nokulolonga umzimba. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi -7 ubude bungadluli kuma 60-70 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

SHUKUMISA UMZIMBA

Abadlali bomboniso weqonga basoloko beqala ngokwenza imithambo bashukumise imizimba. Oku kuthetha ukuba bayazolula ngobunono baphinde baziyekelele ngelinge lokuphelisa ixhala nokukhulula umzimba. Nathi masizifudumeze phambi kokuba siqhubeke ngomsebenzi omiselwe thina. Utitshala wakho uza kufundisa akuyalele ukuba umamele imiyalelo yokuzilolonga.

Ngcotsha usebenzise iinzwane, yihla usebenzise izithende, phinda uqale ekuqaleni wenze ngale ndlela ubuqale ngayo. Nyusa igxalaba lakho liye ngasezindlebeni zakho liyeke lihle, uphinde uqale ekuqaleni wenze kwangale ndlela ubusenza ngayo. Thoba intloko ngobunono uyise esifubeni sakho, ube sele uyijikelezisa kancinci iye kwelinye icala, yiphinde uyise kwelinye icala. Yima okomzuzwana omncinci ube sele uhlisa isandla sakho ube busitshebelezisa apha emlenzeni wakho emva koko xhuma-xhuma ngobunono ukuya phambili, zolule wenze elinye icala.

Tsalela umphefumlo ngaphakathi, ungcotshe ngeenzwane uze wolule iingalo zakho zibheke phambili. Wukhuphele ngaphandle umphefumlo ugobele phambili, ugcine imilenze ime nkqo. Jingisela ezantsi wonke umzimba wangasentla, kufuneka uve kutsaleka apha ngasemva kwemilenze. Nyusa idolo lakho ulitsale liye ngasesinqeni sakho, xhathisa emva koko yenza elinye icala.

Jikelezisa izihlahla zakho, wandule ujikelezise amaqatha kumacala omabini. Shukumisa iingalo nemilenze wenze ngathi uyazilahla, utsalele umphefumlo ngaphakathi kancinci ungangxami, uze uhlale phantsi. Inene wowubona umahluko wokufudumeza nokushukumisa umzimba. Utitshala wakho ngoyena mntu unokubaza iindlebe, umamele zonke iingcebiso akunika zona. Abadlali bomboniso weqonga nabo babaza iindlebe kootitshala babo phambi kokuba benze umdlalo. Injongo yoko kukufuna ulwazi malunga nomdlalo abajonge ukuwulungisa. Hlala usempilweni ngokuzilolonga ushukumise umzimba rhoqo phambi kokuba usebenze.

[Icatshulwe kwincwadi ethi-*Simnandi isiXhosa*, M.C Hoza noN.Ntusikazi. Iphepha 107 saza sahlelwa]

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

ISIBHENGEZO – NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

OVHD

IyaShisa Daai Ding

Sineenkqubo ezi -18 ezifele fele SATELITE TV CHANNELS

IMIFANEKISO ECACE GCAA YAKWA CRYSTAL CLEAR

ULONWABO LWAMAMPELA KUPHELANGE R349 QHA!

PAY ONCE
NO MONTHLY
SUBSCRIPTIONS

DIGITAL SATELLITE TV

OpenView

some OK PICK N PAY MAKRO

[Sicatshulwe *kwiBona*, Novemba 2014; iphepha 51]

- 3.1 Xela igama le nto ethengiswa kule ntengiso. (1)
- 3.2 Nika igama lejelo elipapasha le ntengiso. (1)
- 3.3 Sijoliswe koobani esi sibhengezo-ntengiso? (1)
- 3.4 Yinyani / Asiyonyani kukho neenkqubo zamahala. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.5 Nika iindawo zibe mbini apho ifumaneka khona le nto ithengiswa apha ngentla. (2)
- 3.6 Umfanekiso waba saziwayo udlala eyiphi indima kwesi sibhengezo? (2)

3.7 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
'Iyashisa Daai Ding'

- A Ulwimi oluchukumisayo.
- B Ulwimi olunyanzelayo.
- C Ulwimi olurheshayo.
- D Ulwimi oluqhathayo.

(1)
[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.



- 4.1 Ithathwe kweliphi ikhasi le ngxelo yezemfundo? (1)
- 4.2 Inkangeleko yobuso bomfundi obeke izandla ebusweni bakhe ichaza ntoni ngekamva lakhe? (2)
- 4.3 Qikelela ubhale phantsi ngokweepesenti inani labafundi abangaphumelelanga imatriki ube sele uchaza izizathu ezibini ezinokuba ngunobangelo woko. (2)
- 4.4 Ucinga ukuba kutheni umfundi onyuka ileli ejonge kwaba bakwibhokisi-A? (2)
- 4.5 Khetha igama elifanelekileyo elikwizibiyeli. (Umntana / Umntwana) ozimiseleyo uyaphumelela. (1)
- 4.6 Yinyani / Luluvo amantombazana aphuma phambili ezifundweni kunamakhwenkwe. Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

UMBUZO 5**IPROZI**

5.1 Funda lo mhlathana ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Kudala sibukele abantu bephumelela, izolo oku ibingabafundi beli laseMpuma- Koloni benikwa izambuku zemali zokuya kufunda Pshesheya yiNkulumbuso yeli phondo. Yintoni le banayo singenayo thina? Sifunda kwizikolo ezifanayo, sibala linye kanti nokuzalwa siphuma kumakhaya afanayo. Mna ndiphumile kwelo qumrhu lingayi ndawo. Andifuni nokulinda unyaka ozayo, ndifuna ukuqala kanye kwezi mviwo ndiphumelele emagqabini. Ndiyayazi ukuba kukhe kwakhankanywa igama lam, ophulaphuleyo impendulo yakhe ithi 'Yhoo!' Uyawatheni lowo? Ndifuna khe nditshise laa Ntokozo waziwayo.

Xa kucaca ukuba andiyifumani kwizifundo ndakuzama phaya kwezemidlalo, ukuba aphanzile lawo andinakubuya nemand'esikhova noko phaya ekuphekeni. Impumelelo isezinkwenkwezini neembasa ziyafuneka zona ukuqala ngoku. Andifuni nambasakazi inkulu ndisafuna imbasana nje oku kokuqala.

[Icatshulwe kwincwadi yemviwo, Pearson 2014. Iphepha 44 yaze yahlalwa]

- 5.1.1 Yakha isibizo esimbaxa ngala magama akwizibiyeli. (Ukukhula + umbuso) (1)
- 5.1.2 Khetha isichazi kwesi sivakalisi silandelayo uze uxele udidi lwaso Kudala abantu bephumelela. (2)
- 5.1.3 Xela ukuba isenzi esikwizibiyeli sikoluphi udidi lwesixando. Kudala abantu (**bephumelela.**) (2)
- 5.1.4 Khetha isihlomelo kwesi sivakalisi singezantsi unike nodidi lwaso. Izolo oku ibingabafundi baseMpuma-Koloni. (2)
- 5.1.5 Sigaba sini sentetho uYhoo! Khetha kwezi zilandelayo. (1)
- A Isifaniso.
B Isikweko.
C Isikhuzo.
D Isisbizo.
- 5.1.6 Zisetyenziselwe ukuphuhlisa ntoni izimamva ezibhalwe ngqindilili kwiindawo ezikuzo. (2)
- 5.1.7 Sebenzisa eli gama: **QALA** sibe sisibizo wandule usifake kwisivakalisi ngokuchanekileyo. (2)

5.1.8 Bhala esi sivakalisi sibe kwingxelo ntetho.

“Mna ndiphumile kweli qumrhu”

(2)

5.2 UMFANEKISO

Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.



[Lo mfanekiso uthathwe kwiBona: Februwari 2015; iphepha 28]

5.2.1 Bhala isithetha-ntonye segama elikwizibiyeli:
(Ibhinqa) elinestayile liyalibamba ixesha.

(1)

5.2.2 Lungisa iziphene kwesi sivakalisi singezantsi.
Eli phephana linewotshi ezintle.

(2)

5.2.3 Lishiywe kweyiphi imeko iceba kwesi sivakalisi singezantsi.
Ezi wotshi ziyabukeka kakhulu.

(1)

5.2.4 Yakha iqhalo / isaci ngegama: **Ixesha.**

(2)

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
EWONKE AMANQAKU: 80

